



## Develop a reading routine at home

Making literacy part of your home. If you regularly read and write with your children at home, you teach them that reading and writing are important, useful and enjoyable. This helps make literacy learning easier for them. Everyone at home has a role to play in developing young children's reading and writing. Here are some ideas to make literacy an enjoyable part of everyday family life.

### CREATE A STORY ROUTINE



- ★ Set aside time every day to read and/or tell stories. Many children enjoy listening to stories at bedtime, but some children may find it easier to concentrate at other times in the day. Choose a time of day that works best for all of you.
- ★ Spend just 15 minutes a day reading storybooks aloud to your children. Make it a relaxed and enjoyable time. When your children realise that stories can be found in books, and that books are full of magical pleasure, they will try to read for themselves. Good readers at school are often the ones who read at home with family and friends.

### THINGS TO DO AT STORY TIME

- ★ Tell your children stories, sing songs and recite poems you know. This stimulates their imagination and develops their language. Listen to their stories and remember to show your appreciation.
- ★ Use your home language. Firstly, stories should be in your children's home language. Children should read and write in their home language before they learn to do this in other languages. A strong foundation in their home language is the key to all successful learning – including learning to read and write – because to learn well, they need to understand well.

## Bekela bucala ixesha lokufunda ekhaya

Ukwenza ilitheresi ibe yinxalenye yekhaya lakho. Xa ufunda kwaye ubhala rhoqo nabantwana bakho ekhaya, ubafundisa ukuba ukufunda nokubhala kubaluleke kakhulu, kuluncedo kwaye kuyonwabisa. Oku kunceda ekwenzeni ukufunda ilitheresi kube lulanyana kubo. Wonke umntu ekhaya unendima ebalulekileyo ekufuneka eyidlalile ekuphuhliseni ukufunda nokubhala ebantwaneni abasakhulayo. Nazi ezinye iimbono zokwenza ilitheresi ibe yinxalenye eyonwabisayo kubomi bemihla ngemihla elusatsheni.

### BEKELA BUCALA IXESHA LOKUBALISA AMABALI



- ★ Yonke imihla yiba nexesha lokufunda kunye/okanye nelokubalisa amabali. Abantwana abaninzi bayakonwabela ukubaliselwa amabali phambi kokuba balale, kodwa abanye abantwana bakufumana kulula ukuzinzisa iingqondo zabo ngamanye nje amaxesha emini. Khetha ixesha lemini eliza kunilungela xa ninonke.
- ★ Chitha nje imizuzu eli-15 ngosuku ufundela abantwana iincwadi zamabali ngokuvakalayo. Lenze eli ibe lixesha elimnandi nelonwabisayo. Xa abantwana bakho beqonda ukuba amabali angafumaneka ezincwadini, nokuba iincwadi ezi zilulutho kakhulu kubo kuba ziyonwabisa, baza kwenza amalinge okuba nabo bazame ukuzifundela ngokwabo. Inkoliso yabafundi abagqwesayo ekufundeni esikolweni ngabo bazifundelayo emakhaya bekunye neentsapho neetshomi zabo.

### OMAWUKWENZE NGEXESHA LAMABALI

- ★ Balisela abantwana bakho amabali, ubavumele iingoma uze ubacengcelezele nemibongo oyaziyo. Oku kuhlupheza iingqondo zabo kananjalo kuphuhlise nolwimi lwabo. Waphulaphule nawabo amabali, uze ukhumbule ukubancoma ubakhuthaze.
- ★ Sebenzisani ulwimi lwenu lweenkobe. Amabali okuqala kufuneka abe ngolwimi lweenkobe lwabantwana bakho. Abantwana kufuneka bafunde baze babhale ngolwimi lwabo lweenkobe phambi kokuba bafunde ukukwenza oku ngezinye iilwimi. Isiseko esiluqilima solwimi lwabo lweenkobe sisitshixo sempumelelo yabo ekufundeni – kubandakanywa ukufundwa kokufunda nokubhala – kuba ukuze bafunde kakuhle, kufuneka baqonde kakuhle.



### Be a role model

Children learn more from watching what we do than from what we tell them to do! Let your children see you reading for pleasure and to find information, for example, when you read books, recipes, school notices, magazines and newspapers.

### Yiba ngumzekelo

Abantwana bafunda kakuhle ngokubukela oko sikwenzayo kunoko sibayalela ukuba bakwenze! Bavumele abantwana bakho bakubone ufundela ukuzonwabisa kwanokukhangela ingcombolo yolwazi oluthile, umzekelo, iincwadi zokufunda, iiresiphi, izaziso zesikolo, iimagazini namaphephandaba.




Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.

# Ndifundele ntsuku zonke!



# Read to me every day!

Contact us in any of these ways:

Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

*Nalibali*

## Reading club corner



## Ikona yeklabhu yokufunda

### What makes a good children's book?

You can't discover the joy of reading without having good books to read! And the more books that children have around them, the more likely they are to pick one to try.

- ♥ Babies and toddlers often like books with big, bold, colourful pictures and few words in them. They also like simple stories with pictures and short sentences, and books with rhymes. Flap books and books with different textures, or that make a sound when you press something, will lead to many fun moments when you read together. Books made of cloth and board are often the most practical because babies like to chew, pat, hit, drop, and even occasionally throw books!
- ♥ Children aged 2 to 5 years mostly enjoy picture books – stories that have pictures and accompanying text that can be read in one sitting. Stories can be about everyday life or about the imaginary worlds of kind or cruel queens, fairies, dragons and animals that talk and act like people. Children in this age group also often enjoy some simple informative books with lots of clear and interesting photographs.
- ♥ Most children learn to read between the ages of 6 and 11 years. Many still enjoy picture books and especially enjoy trying to read books that were read to them when they were younger! As they begin to read books, children often find particular authors whose books they enjoy – and then like to read all the books by this author! Recipe books, craft books, other "how to" books, joke books and fact books seem to be popular with this age group.
- ♥ Children who are regular readers have usually developed an ability to choose books for themselves by the time they are twelve. Suggest new authors to children of this age or suggest authors who write books on similar topics or in a similar style to the ones they have already read and enjoyed.
- ♥ Many teenagers enjoy books that focus on the challenges of growing up, while others prefer to escape into the world of fantasy!



### Yintoni eyenza incwadi yabantwana efanelekileyo?


Awunakukufumanisa ukonwabela ukufunda xa ungenancwadi zifanelekileyo zokufunda! Yaye ngokuya abantwana beba neencwadi ezongezelelekileyo ezininzi ezibangqongileyo, kokukhona abantwana banokuthatha enye yazo bazame ukuyifunda.

- ♥ Iintsana nabantwana abasafunda ukuhamba basoloko bethanda iincwadi ezinemifanekiso emikhulu, enemibalabala namagama ambalwa kuzo. Kananjalo bathanda amabali alula anemifanekiso nezivakalisi ezifutshane, neencwadi ezinezicengelezo. Iincwadi ezinamaqweqwe athambileyo ezakhiwe ngokwahlukeneyo, okanye ezenza isandi xa ucofa into, zakukhokelela kumathuba olonwabo okwabelana ngeencwadi. Iincwadi ezenziwe ngelaphu nebhodi zezona zikhohlakeleyo, athetha ngeentsomi, amagongqongqo nezilwanyana ezithethayo nezilinganisa abantu. Abantwana abakobu budala bakhohla kananjalo ukuzonwabela iincwadi ezilula ezibanika ulwazi nezineqela leefoto ezinomdla ezicacileyo.
- ♥ Abantwana abaninzi bafunda ukufunda xa beminyaka mi-2 ukuya kwemi-5 ikakhulu bonwabela iincwadi ezinemifanekiso – amabali anemifanekiso neetekisi ezihamba nawo ezinokufundwa zigqitywe kwangoko. Amabali angamalunga nobomi bemihla okanye abalise ngamazwe asemifanekisweni ngqondweni eekumkanikazi ezinobubele okanye ezikhohlakeleyo, athetha ngeentsomi, amagongqongqo nezilwanyana ezithethayo nezilinganisa abantu. Abantwana abakobu budala bakhohla kananjalo ukuzonwabela iincwadi ezilula ezibanika ulwazi nezineqela leefoto ezinomdla ezicacileyo.
- ♥ Abantwana abaninzi bafunda ukufunda xa beminyaka mi-6 ukuya kweli-11. Abaninzi bakhohla ukonwabela iincwadi ezinemifanekiso baze bonwabele ukuzama ukufunda iincwadi ababazifundelwe ngokuya babesebancinane! Njengokuba beqalisa ukufunda iincwadi, abantwana bakhohla ukufumanisa ababhali abathile abonwabela iincwadi zabo – baze bathande ukufuzifunda zonke iincwadi zalo mbhali! Iincwadi zeeresiphi, iincwadi zobugcisa, nezinye "ezinika imiyalelo yokwenza," iincwadi zeziqhulo neencwadi zamanqaku zibonakala zithandwa ngabantwana abakobu budala.
- ♥ Sekuqhelekile ukuba abantwana abafunda rhoqo babe sele bekuphuhlilele ukukwazi ukuzikhethela iincwadi ngethuba beneminyaka eli-12. Bacebise abantwana abakobu budala malunga nababhali abatsha ababhala iincwadi ngezihloko ezifanayo okanye ngesimbo sokubhala esifana nezi sebezifundile bazonwabela.
- ♥ Abantwana abaninzi abafikisayo bonwabela iincwadi ezigxila kwimingeni yokukhula, xa abanye bekhetha ukubalekela kwilizwe leentsomi!

## Spread the love and tell us your African stories

Nal'ibali is looking for short, original children's stories in all 11 official SA languages to publish in print and on air. Help us keep spreading the joy of reading far and wide. Send your story today in a Word document to [stories@nalibali.org](mailto:stories@nalibali.org)

For story guidelines see [www.nalibali.org/story-resources/your-stories](http://www.nalibali.org/story-resources/your-stories)



## Yandisa uthando ngokusibalisela amabali akho esiNtu

UNal'ibali ukhangela amabali amafutshane angawabantwana ngemveli, ngeelwimi zonke ezili-11 ezisesikweni eMzantsi Afrika ukuze apapashwe ngokuwabhala nangokuwafunda kusasazo. Khawusincele ngokusoloko sisandisa ulonwabo lokufunda kangangoko. Thumela ibali lakho namhlanje ulibhale kwi-Word apha [stories@nalibali.org](mailto:stories@nalibali.org)

Ngezikhokelo jonga apha [www.nalibali.org/story-resources/your-stories](http://www.nalibali.org/story-resources/your-stories)



Drive your imagination

Get creative!

Sebenzisa ubugcisa bakho!



Make paper plate animal masks

Yakha iimaski zezilwanyana ezenziwe ngeepleyiti zephepha

1.



1. Choose which animal mask you want to make.

1. Khetha isilwanyana ofuna ukusenza.

2.



2. Cut out the holes for the eyes and mouth.

2. Sika imingxuma yamehlo nomlomo.

3.



3. Use paint, crayons or kokis to colour in the animal mask.

3 Sebenzisa ipeyinti, iikhrayoni okanye iikoki ukufakela imibala kwimaski yesilwanyana.

4.



4. Cut out, colour in and paste on ears, a nose or trunk and whiskers for your animal mask.

4. Ukwenza imaski yesilwanyana, sika, fakela imibala uze uncamathisele ezindlebeni, impumlo okanye umboko namabhovu.

5. Make holes on the side of the mask. Thread some wool or string through each hole so that you can tie the mask around your head.

5. Yenza imingxuma emacaleni emaski. Hlohla iwulu okanye umtya kumgxuma ngamnye ukuze ukwazi ukubophelela imaski kwintloko yakho.

Photos/lifoto: Chèlan Naicker

Create **TWO** cut-out-and-keep books

- Take out pages 5 to 12 of this supplement.
- The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
- Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - Fold it in half again along the green dotted line.
  - Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana **EZIMBINI** onokuzisika-ze-uzigcine

- Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
- Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, elesi-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza incwadi yesibini.
- Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.




Drive your imagination

“Kukho umntu kulaa ngxowa!” watsho usotheko ezithethela.  
 “Kufuneka simncede!”  
 liphuma engxoweni.  
 sisagongqoza sisela, weva ilizwi elimnandi neliluzizi  
 “Kulungile,” watsho usotheko, kodwa lo gama isigebenga  
 kusotheko, sabeka ingxowa yaso kakuhle ecaleni kwaso.  
 “Khawundiphe umqombothi!” satshe ngelizwi laso elikhulu  
 sagqiba kwelokukuba sikhle siphumle sibhiyozwe nabantu naso.  
 kangangokuba sathi xa sidlula kumzi wommelwane onethoko,  
 isigebenga sasoneliseke kakhulu ngumsebenzi waso  
 “Give me some beer!” he boomed at the hostess, placing his  
 sack carefully next to him.  
 “Certainly,” she said, but while he was guzzling the drink  
 down, she heard a sweet, sad voice coming from his sack.  
 “There’s someone in there!” the hostess said to herself. “We  
 must help her!”  
 The giant was so pleased with himself that when he passed a  
 party being held in a neighbour’s house, he decided to take a  
 break to celebrate.



## Tselane and the giant UTselane kunye nesigebenga

Joanne Bloch  
 Jiggs Snaddon-Wood  
 Nobuntu Stengile



Tselane’s mother always sings to her when she arrives home so that Tselane knows it’s safe to open the front door. But a horrible giant tricks Tselane into opening the door, then stuffs her into his sack and steals her away. Luckily for Tselane, the giant stops at a neighbour’s party to drink some beer. The hostess hears Tselane’s voice from inside the bag, and comes up with a wonderful plan to rescue the girl and punish the nasty giant!

This version of the traditional African story, *Tselane and the giant*, is retold by Joanne Bloch.

Umama kaTselane usoloko ecula xa efika ekhaya ukuze uTselane azi ukuba kukhuselekile ukuvula ucango lwangaphambili. Kodwa isigebenga esikhohlakeleyo siyamqhatha uTselane ukuba aluvule ucango, size simbambe, simfake engxoweni yaso simke naye. Ngethamsanqa likaTselane, isigebenga sidlula kwammelwane apho kukho itheko, kuba sifuna ukusela umqombothi. Usotheko uva ilizwi likaTselane liphuma engxoweni, aze acinge icebo elikrelekrele kakhulu lokusindisa le ntombazana kwaye ohlwaye esi sikhohlakali sesigebenga!

Le nguqulelo yebali lemveli laseAfrika elithi, *UTselane kunye nesigebenga*, ibaliswa kwakhona nguJoanne Bloch.


Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
 imagination



A long, long time ago, when giants roamed about and chickens talked, a poor woman lived with her daughter, Tselane, in a little house. Since she had nobody to look after Tselane, the woman was forced to leave the child alone when she went to plough her fields each day.

Of course, Tselane’s mother wanted her to be safe, so every morning when she left home, she reminded Tselane *never* to open the door for *anyone*. And every time she came home, she sang this song to her, “Tselane, my child, Tselane, my child, come and open the door!”

Then Tselane, who was waiting to hear her mother’s sweet voice, answered with her own little song, “Yes, Mama, I hear you! Yes, Mama, here I come!” she sang, unlocking the door with a big smile and hugging her mother tightly.

Kudala-dala, ngethuba izigebenga zisazula-zula neenkukhu zikwazi kukuthetha, kwakukho umfazi ohluphekayo owayehlala nentombi yakhe uTselane kwindlwana yabo encinane. Njengokuba kwakungekho mntu wokucina uTselane, lo mfazi wayenyanzeleka ukuba amshiye yedwa umntwana yonke imihla xa esiya kulima emasimini.

Ngaphandle kwamathandabuzo, umama wakhe wayefuna ukuba uTselane akhuseleke, ngoko ke qho kusasa xa esimka ekhaya, wayemkhumbuza uTselane ukuba angaze avulele nabani na emnyango. Kwaye qho xa efika ekhaya, wayemculela le ngoma, “Tselane, mntwana wam, Tselane, mntwana wam, yiza undivulele umnyango!”

Aze yena uTselane, owayelinde ukuva ilizwi likamama wakhe eliminandi, aphendule ngeyakhe ingoma. “Ewe, mama, ndiyakuva! Ewe, Mama, ndiyakuva!” wayecula atsho, evula umnyango sele encume kakade, aze amange umama wakhe ngovuyo.

Turning to the giant, she said, “Please go and fetch me some water at the stream. In return I’ll give you a whole bucket of beer.”

“Ho ho!” said the greedy giant, grabbing the calabash she gave him. How could he know it had a little hole in it? At the stream, he tried again and again to fill it with water – but somehow, it never quite filled up.


Back at the house, the woman and her husband quickly helped Tselane out of the sack and hid her in their house. Then they filled the sack with snakes, wasps, lizards, bees, crickets and frogs.

Waguquka wajonga isigbenga, waze wathi, “Nceda uye kundikhelela amanzi emfuleni. Ukubuya kwakho ndiza kukupha ibhekile yonke yomqomboti.”

“Ho ho!” sasho isigbenga esibawayo, silitshi hlasi iselwa awasinika lona. Sasingazi njani ukuba elo selwa lalinomngxuma omncinane? Emfuleni, wazama, wazama, wazama ukulizalisa ngamanzi – kodwa lalingakwazi ukuzala iselwa.

Emva ekhaya, lo mfazi nomyeni wakhe bakhawuleza banceda uTselane bamkhupha engxoweni, baze bamfihla endlwini yabo. Bazalisa ingxowa ngeenyoka, iinyosi, amacikilishhe, oonomvea, iinyenzane namasele.





## COLLABORATE

COMMUNITY PROJECTS

Serapana was created as part of the Dithakga tša Gobala project (2017). The aim of the project was to create wordless picture books based on stories sourced from parents and children in the Mamelodi community in Pretoria, South Africa. Wordless picture books allow readers to use the illustrations to create a story in a language of their choice. In this way, the project hopes to foster a love of books, reading and storytelling regardless of literacy levels, language preference and age.

[www.collaboratecommunityprojects.org](http://www.collaboratecommunityprojects.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination

UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

## Serapana USerapana

*Raisibe Rosina Kekana  
Astrid Blumer*











The giant felt very angry. He decided to go to the sangoma for help. "Eat this," said the sangoma, giving him a piece of hot metal. "It will change the sound of your voice."

The next day, when the giant sang to Tselane, his voice sounded sweet and beautiful. Thinking that her mother was home, the girl sang her song and joyfully opened the door. As quick as lightning, the evil giant seized her and threw her into a sack. Then he slung the wriggling sack over his shoulder and stomped off.

Isigebenga safixeka kakhulu ngumshindo. Sagqiba kwelokuba siye egqirhneni sifune uncedo.

"Ginya oku," lasho igqirha, limnika intsinjana encinane ebomvu krwe kukutshisa. "Le ntsinjana iza kuyitshintsha indlela ilizwi lakho elivakala ngayo."


Ngosuku olulandelayo, xa isigebenga siculela uTselane, ilizwi laso lalivakala kamnandi. Icinga ukuba umama wayo ubuyile, le ntombazana yaphendula ngeyayo ingoma yavula umnyango ivuya. Ngokukhawuleza kombane, isigebenga esikhohlalekileyo samchi ngaku, samphosa engxoweni yaso. Sayityatha egxeni loo ngxowa ikhabalazayo sahamba.

"Let me see you!" he growled, peering into the sack. But guess what? All the horrible creatures shot out and started stinging and biting him at the same time! Roaring, the giant leapt up and ran to the door, but it was locked. When he finally unlocked it, he ran screaming to the river and plunged his head into the muddy river bank. There he got stuck and turned into a tree.

Look out for a tree with two trunks on the river bank – it is still there to this day. And as for Tselane, she was soon safely back home with her mother.

"Khawuvele wena ndikubone!" sambombozela, isigebenga sakroba engxoweni. Kodwa, khawuqashele, kwavela ntoni? Zonke izilwanyana ezoyikekayo zaphuma zaqalisa ukusiluma ngaxeshanye! Sigquma, isigebenga satsiba saya emnyango, kodwa umnyango wawutshixiwe. Ekugqibeleni sada sawuvula, sagqotsa ukuya emlanjeni, saziphosa ngentloko emanzini anodaka omlambo. Saye saxinga apho, sajika sangumthi.

Khangela umthi oneziqu ezibini ngathi yimilenze yomntu ecaleni komlambo – uselapho nanamhlanje. Yena ke uTselane, kungekudala wabuyela kumama wakhe ekhaya ekhuselekile.



One day, a horrible, greedy giant who lived close by heard the two singing to each other. “Mmm,” he said, drooling and licking his lips, “that child sounds like a delicious, tender snack!” A few days later, when the giant was particularly hungry, he trundled off to Tselane’s house. At the front door he took a deep breath, opened his mouth and sang, “Tselane, my child, Tselane, my child, come and open the door!” But Tselane just laughed. “Go away!” she said. “Your rough, ugly voice is nothing like my mama’s beautiful voice!”


Ngenye imini, isigebenga esikhohlakelayo nesibawayo esahlala kufutshane sabeva beculalana ababini. “Mmm,” satsho sivuza izinkowe silica imilebe, “laa mntwana uvakala ngathi kukuyra okunencasa nokuthambke kamnandi!”

Emva kwentsuku ezimbini, sathi sakuziva silambile isigebenga, saqengqeleka ukuya kulo Tselane. Kumnyango wangaphambili satshala umphumlo, savula umlomo sacula, “Tselane, mntwana wam, Tselane, mntwana wam, yiza undivule umnyango!”

Kodwa uTselane wasuka wahlaka. “Fambal” watsho. “Ilizwi lakho elithwexayo alifani kwaphela nelizwi elimnandi likamama wam!”

After a long time, the giant came back with a little bit of water. He flung the leaking calabash down, glared at the woman, grabbed his beer and the sack and stormed off, grumbling and rumbling. At his house, he dropped the sack and went inside.

“Bring my sack inside!” he barked at his son, but when the boy picked the sack up, a wasp flew out and stung him on the nose. “WAAAA!” he wailed, running inside. “WAAAA! WAAAA!”



“WHERE’S MY SACK?” shouted the giant. “Bring it immediately!”

Now, his wife rushed outside, but a snake darted out and bit her hand. “YAAAA!” she howled, running indoors. “YAAAA!”

By now the giant was fuming. “Get out!” he shouted at his family. He jumped up, grabbed the sack and locked the door.

Emva kwexesha elide, isigebenga sabuya nentwana yamanzi. Safika salijula iselwa, sajonga umfazi, sathi hlasi ibhekile yomqombothi nengxowa yaso saphuma ngomsindo, simbombozela, sidumzela. Endlwini yaso safika sabeka phantsi ingxowa sangena ngaphakathi. “Ngenisa ingxowa yam!” satsho ngelizwi elikhulu kunyana waso, kodwa xa inkwenkwe iphakamisa ingxowa, unomeva wabhabha waphuma wayiluma empumlwini. “WAAAA!” yakhala, ibaleka ingena ngaphakathi endlwini. “WAAAA! WAAAA!”

“IPHI INGXOWA YAM?” sakhwaza isigebenga. “Yizise ngokukhawuleza!”

Ngoku, yaba ngumfazi wakhe owakhawuleza waphuma phandle, kodwa inyoka yathi phinyi iphuma engxoweni yamluma esandleni. “YAAAA!” wakhwaza ekhala, ebaleka engena endlwini. “YAAAA!” Ngeli xesha isigebenga sasisele sinomsindo kakhulu. “Phumani!” sakhwaza singxolisa usapho lwaso. Saphakama sathi hlasi ingxowa saze satshixa ucango.



## Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Tselane and the giant* (pages 5, 6, 11 and 12), *Serapana* (pages 7 to 10) and *The mirror in the bushveld* (page 14).

### Tselane and the giant

- ★ Play a game with older children. Ask them to describe a monster that steals children while you draw what they describe. Then swap roles and let them draw a monster you describe.
- ★ What other stories do you know about a person or animal that pretends to be someone else so that they can catch children?
- ★ *Tselane and the giant* is a traditional African tale that has been retold to be more modern. Choose a traditional story that you know and change it into a modern story.



## Yenza ibali linike umdla!

Nantsi eminye imisebenzi onokuyizama. Isekelwe kuwo onke amabali akule nguqulelo yoHlelo lukaNal'ibali: *UTselane kunye nesigebenga* (amaphepha 5, 6, 11, ne-12), *USerapana* (amaphepha 7 ukuya kwi-10) nelithi *Isipili ematyholweni* (iphepha le-15).

### UTselane kunye nesigebenga

- ★ Dala umdlalo nabantwana abadadlana. Bacele bachaze irhamncwa eleba abantwana ngeli xesha wena uzoba loo nto bayichazayo. Tshintshiselanani ngeendima ngokuthi bazobe irhamncwa olichazayo.
- ★ Ngawaphi amanye amabali owaziyo ngomntu okanye isilwanyana esizenza umntu esingenguye ukuze sibambe abantwana?
- ★ *UTselane kunye nesigebenga* libali lemveli lamaAfrika elibaliswe ngokutsha ukulenza libe libali lanamhlanje.

### Serapana

- ★ Put the pictures below in the correct order.



- ★ Look at the pictures and make up your own story about what is happening.
- ★ Make up your own story about how animals can help you. Write down or tell your story to a friend. Draw pictures to go with your story.

### USerapana

- ★ Beka imifanekiso engaphantsi ngolandeletlwano olufanelekileyo.

- ★ Jonga imifanekiso uzenzele elakho ibali ngoko kwenzekayo.
- ★ Zenzele elakho ibali ngendlela izilwanyana ezinokukunceda ngayo. Bhala phantsi okanye ubalisele umhlobo wakho ibali. Zoba imifanekiso ehambelana nebali lakho.

### The mirror in the bushveld

- ★ Sit opposite a friend. Copy everything that your friend does as if you are a reflection in a mirror. Take turns to play the reflection in the mirror.
- ★ Make animal masks like the ones on page 4. Act out the story *The mirror in the bushveld* with some friends or family members.
- ★ Write or tell a story with the title *The shadow in the city*.



### Isipili ematyholweni

- ★ Hlala ujongane nomhlobo. Linganisa yonke into umhlobo ayenzayo ngokungathi ungumfanekiso esipilini. Bolekisanani ngokudlala umfanekiso osesipilini.
- ★ Yenza iimaski zezilwanyana ezikwiphepha lesi-4. Dala nabanye abahlobo okanye amalungu osapho ibali elithi *Isipili ematyholweni*.
- ★ Bhala okanye ubalise ibali elinesihloko esithi *Isithunzi esixekweni*.



# The mirror in the bushveld



By Melody Ngomane ■ Illustrations by Magriet Brink and Leo Daly

It was a hot day in the African savannah when Rabbit decided to walk down to the stream to drink some water. She was hopping along slowly in the heat along an open dusty path when she saw a mirror flashing in the sunlight. Rabbit had never seen a mirror before, so she wondered what the strange animal was. As she got closer, to her surprise, she saw the veld inside it and a little white rabbit just like herself looking back. Rabbit ran as fast as she could to call for help.

"Help! Somebody please help me!" she cried.

Jackal was resting in the shade of a big tree after hunting. When he heard Rabbit's calls for help, he pretended he had not heard anything and hoped that other animals would help her because he was tired. But before he knew it, Rabbit ran towards where he was resting.

"Jackal, help! A monster, a monster!" cried the little white rabbit.

"A monster? Where?" asked Jackal, yawning.

"Down by the path on the way to the river. It has swallowed the whole veld and a little white rabbit like me," sobbed Rabbit.

At first Jackal chased Rabbit away because he could not believe such a thing had happened. "If the monster has swallowed the veld, why are we here and not inside the monster?"

Rabbit could not answer that question, but she kept on asking for help. Jackal went to call Leopard so that all three of them could go together to see the strange monster.



Jackal and Leopard followed Rabbit to where the monster was. Slowly, they crept up to the mirror. When they got up close, they saw three animals looking at them. The animals inside the monster's stomach looked just like them! They screamed in fright and ran down to the river to call Hippo.

"Hippo, please come and help us. A monster has swallowed the veld and three animals just like us!" said Jackal, talking as fast as possible.

Hippo didn't pay much attention to them and continued to enjoy her swim because she thought the animals were trying to trick her. But when she saw how terrified they were, she got out of the water. Then Hippo, Leopard, Jackal and Rabbit rushed to the place where the mirror was.

When they got there, Rabbit and Jackal stayed behind because they were scared that the strange animal would swallow them too. Leopard and Hippo ran forward to attack the strange animal ... but when they saw another

hippo and leopard running towards them, they ran away screaming, "A monster! A monster!"

The four animals ran to find Lion and told him the story of the strange animal.

"It swallowed a rabbit, a jackal, a leopard and a hippo," explained the animals, all talking at the same time.

"It also swallowed the whole veld," added Rabbit.

"And the animals in its stomach wanted to attack us!" said Hippo.

Lion had never heard of such a thing, so he immediately called his pride of lions together and they rushed off to attack the monster. Rabbit, Jackal, Leopard and Hippo followed closely behind.

On their way, they came across Monkey, who looked like he was searching for something. He jumped in front of Lion.

"Oh Lion, I am so glad to see you," he said. "Please help me find my mirror. I think someone has stolen it."

"Out of the way, Monkey. We have something more important to do. We are rushing to attack a monster that has swallowed animals and the veld," said Lion impatiently.

The monkey moved out of the way but decided to follow the animals because he wanted to see what this monster looked like.

When the animals got near to where the mirror was, the lions, Hippo and Leopard stood still and prepared to attack. Then they ran towards the mirror! But when they saw a group of angry animals running towards them, they all scattered into the long grass. Then some of them lay flat on the ground, some hid behind bushes and some climbed into the trees.

When the monkey realised that what the animals were terrified of was his mirror, he burst out laughing. He ran to it and, looking at himself laughing, said, "I have been looking for you the whole day, my mirror."



When the other animals saw Monkey in front of the strange animal and how friendly the monster was to him, they crept out from where they were hiding and started asking Monkey questions about the strange animal.

"This is a mirror, it's not an animal. You look at yourself in it. See, that's me in the mirror," explained Monkey, holding up the mirror.

When the animals heard this, they all had a good laugh and spent a long time just looking at themselves in the mirror.



Drive your  
imagination



## Isipili ematyholweni

Indawo  
yamabali

Libali likaMelody Ngomane Imifanekiso izotywe nguMagriet Brink noLeo Daly

Yayilusuku olushushu kumadobo aseAfrika xa uMvundla wagqiba kwelokuba aye emlanjeni ukuyokusela amanzi. Wayeqakatha ngokucotha ebushushwini kwindlela evulekileyo enothuli xa wabona isipili sikhanya elangeni. UMvundla wayengazange akhe asibone isipili ngaphambili ngoko ke wamangala ukuba sisilwanyana sini na esi. Ngokuya esondela, emangalisiwe, wabona idlelo kuso nomvundla omhlophe ofana naye umjongile. UMvundla wabaleka kangangoko wayenakho ukuya kufuna uncedo.

"Ndincedeni bo!" wamemeza.

UDyakalashe wayephumle emthunzini womthi omkhulu emva kokuzingela. Wathi akuva uMvundla ucela uncedo, wenza ngathi zange eve kwanto waza wathemba ukuba ezinye izilwanyana zaziza kumnceda kuba yena wayediniwe. Kodwa phambi kokuba aqonde okwenzekayo, uMvundla wabalekela kweli cala awayephumle ngakulo.

"Dyakalashe nceda! Ihamncwa, ihamncwa!" wamemeza umvundlana omhlophe.

"Ihamncwa? Phi?" wabuza uDyakalashe, ezamla.

"Phaya endleleni eya emlanjeni. Liginye lonke idlelo nomvundlana omhlophe ofana nam," wakhwina uMvundla.

Ekuqaleni uDyakalashe wamgxotha uMvundla kuba wayengakholelwa ukuba into enjalo yenzekile. "Ukuba ihamncwa liliginye idlelo, kutheni le nto silapha singekho ngaphakathi kwirhamncwa?"

UMvundla zange abe nakuwuphendula loo mbuzo, kodwa waqhubekeka ukucela uncedo. UDYakalashe wahamba waya kubiza uHlosi ukuze bobathathu baye kubona eli rhamncwa lingaqhelekanga.



UDyakalashe noHlosi balandela uMvundla ukuya kubona apho ihamncwa likhona. Ngokucotha, bachwehwa baya esipilini. Bathi bakusondela, babona izilwanyana ezithathu zibajongile. Izilwanyana ezisesiswini serhamncwa zazifana nqwa nabo! Bahlokoma ngokoyika baza babaleka ukuya emlanjeni beyokubiza uMvubu.

"Mvubu, nceda uze kusinceda. Ihamncwa liginye idlelo nezilwanyana ezithathu ezifana nathi!" watsho uDyakalashe ethetha ngokukhawulezisa kangangoko wayenokwenza.

UMvubu zange abahoye kakhulu waqhubekeka wonwabela ukuqubha kuba wayecinga ukuba izilwanyana zazizama ukumkhohlisa. Kodwa wathi akubona indlela ababesoyika ngayo waphuma emanzini. Waza uMvubu, uHlosi, uDyakalashe noMvundla bakhawuleza ukuya kwindawo apho sasikhona isipili.

Bathi bakufika apho, uMvundla noDyakalashe basala ngasemva kuba babesoyika ukuba isilwanyana esingaqhelekanga sasiza kubaginya nabo. UHlosi

noMvubu babaleka ukuya kuhlasela isilwanyana esingaqhelekanga ... kodwa bathi bakubona enye imvubu nehlosi zibaleka zisiza ngakubo, babaleka bekhwaza. "Ihamncwa! Ihamncwa!"

Izilwanyana ezine zabaleka zaya kuNgonyama zamxelela ibali lesilwanyana esingaqhelekanga.

"Siginye uMvundla, uDyakalashe, uHlosi noMvubu," zachaza izilwanyana zonke zithetha ngaxeshanye.

"Siginye nedlelo lonke," wongeza uMvundla.

"Zaye izilwanyana ezisesiswini serhamncwa bezifuna ukusihlasela!" watsho uMvubu.

UNgonyama wayengazange ayive into enjalo, waza ngoko nangoko wahlanganisa umhlambi wakhe weengonyama baza bangxama ukuya kuhlasela ihamncwa. UMvundla, uDyakalashe, uHlosi noMvubu balandela kude kufuphi.

Endleleni badibana noNkawu, owayebonakala ngathi kukho into ayikhangelayo. Watsibela phambi koNgonyama.

"Kwowa Ngonyama andisavuyi nje ukukubona," watsho. "Ndinceda ndifumane isipili sam. Ndicinga ukuba kukho umntu osibileyo."

"Suka endleleni Nkawu. Sinento ebalulekileyo ekufuneka siyenze. Singamele ukuya kuhlasela ihamncwa eliginye izilwanyana nedlelo," watsho uNgonyama ekruqkile.

Inkawu yasuka endleleni kodwa yagqiba ekubeni ilandele izilwanyana kuba yayifuna ukubona ukuba likhangeleka njani ihamncwa.

Zathi zakusondela izilwanyana apho sasikhona isipili, iingonyama, uMvubu noHlosi bema ngxi baza balungiselela ukuhlaselela. Baza babaleka baya esipilini! Kodwa bathi bakubona iqela lezilwanyana ezinomsindo zibaleka zisiza kubo, bathi ahu saka bangena engceni ende. Baza abanye babo balala ncwaba phantsi, abanye bazimela emva kwezihlahla, baza abanye bagwencela emithini.

Yathi inkawu isakuqonda ukuba le nto yayoyikise izilwanyana yayisisipili sakhe, yaqhwebula yahleka. Yabaleka yaya kuso yaza, izijonge kuso ihleka, yathi, "Bendikukhangela imini yonke, sipili sam."



Zathi ezinye izilwanyana zakubona uNkawu phambi kwesilwanyana esingaqhelekanga nendlela ihamncwa elalinobuhlobo ngayo kuye, zachwehwa zaphuma kwiindawo ezazizimele kuzo zaqala ukubuza uNkawu imibuzo ngesilwanyana esasingaqhelekanga.

"Sisipili esi, ayisosilwanyana. Uzibuka kuso. Jongani, ndim lo usesipilini," wacacisa uNkawu, esiphakamisile isipili.

Zathi zakuva oku izilwanyana, zonke zahleka kakhulu zaza zachitha ixesha elide zizibuka esipilini.



# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali




1.

Find the following things from the story, *The mirror in the bushveld*, in the wordsearch block.

ANIMAL  
RABBIT  
MONKEY  
LEOPARD  
HIPPO  
MONSTER  
BUSHVELD  
MIRROR  
JACKAL


W	R	M	O	N	S	T	E	R
A	A	N	U	F	E	L	L	P
N	B	U	S	H	V	E	L	D
I	B	E	L	M	L	O	E	L
M	I	R	R	O	R	N	O	H
A	T	I	O	N	U	C	P	I
L	J	A	C	K	A	L	A	P
D	X	O	P	E	I	U	R	P
E	L	Y	N	Y	F	R	D	O



Fumana ezi zinto zilandelayo ebalini *Isipili ematyholweni* kwibloko yokukhangela amagama.

ISILWANYANA  
UMVUNDLA  
IHLOSI  
IMVUBU  
IRHAMNCWA  
AMATYHOLO  
ISIPILI  
UDYAKALASHE



I	S	I	L	W	A	N	Y	A	N	A	Z
R	A	M	A	T	Y	H	O	L	O	T	B
H	V	V	T	K	G	D	M	L	V	I	P
A	E	U	S	Z	B	V	C	R	W	H	G
M	Y	B	O	X	I	S	I	P	I	L	I
N	Q	U	M	V	U	N	D	L	A	O	B
C	B	I	A	P	X	W	Y	D	E	S	P
W	R	O	X	C	H	U	V	I	O	I	T
A	U	D	Y	A	K	A	L	A	S	H	E



2.

Find 8 differences between the two pictures.

Fumana izinto ezisi-8 eyahluke ngazo le mifanekiso mibini.



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)

[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.

RISING SUN

PROTEA

RECORD

EYETHU

Bonus

LENTSWE

RIDGE TIMES



Drive your imagination

